DUPLICATE
AL 2446/762

# ABASEBENZI BASE ISCOR BAFUNA UMHOLO OWANELISAYO

Ugwayimbi/strike lwethu luqhube iveki yonke. Abaqashi abakavumi ukugugqa. Ngubani owaziyo ukuba ugwayimbo lo mrolo owanelisayo luyakuthabathaba iintsuku ezignakanani na?

### IIHLAWULWA KANGAKANANI

Umsebenzi oyena uphantsi uhlawulwa ama R381-00 ngenyanga (okanye i R88-60 ngeveki okanye i R1.96 nguyure).

### YIMALINI EFAKELWENGABAQASHI

Abaqashi bafaka imali eyi R68-85 ngenyanga (okanye i R14-85 ngeveki eyenza i 33c ngeyure koyena mntu uphantsi. Oko kuxela ukuba imiromo iyakwenza iR499-85 ngenyaka (okanye i R103-45 ngeveki itsho yenze i R2-29 ngeyure kweyona greyidi iphantsi.) Ithi i Iscor isambuku enikele ngaso singa phezulu kwe-sinikezelwe zizinye inkapani ku ba-sebenzi bazo. Asiyiyo inyani le.

### KUTHENI SISITHI HAYI KOLU CHINTS

1. Hayi ezeswini zethu: Lo mrolo awusivumeli ukunxibisa abantwana bethu kwanokubakhele izindlu ezontofotofo. Ubomi bethu ngumzamo wokuphila. Sifuna lento iphele - Sifuna umrolo owanelisayo - imali elingene ukungaphilisa abantwana bethu ngendlela eyiyo- ukuba nendlu ezivusileyo nokuhlala kakuhle.
2. Ukutya kunyukile
Imali yethu eninzi isetyeziswa ekutyeni. Phakathi konyaka ukutya kuphinda kunyuke ngepesente ezingama 26.
3. Singamahlwempu kulo nyaka
Ngaphezu koko kwizinto zonke ezithengwayo amaxabiso anyuke ngepesenti ezingama 22. Songezelwe ngepesenti ezili 16. Xa siyisa ngasemalini oko kuthethu' kuthi ulongezelelo esilufumeneyo luya kukhusela inxlenye yemali efakelelweyo kumaxabiso anyukayo. Eseleyo iyakuphuma kwiingxowa zethu. Sihlwempuzeke kakhulu kuna kunyuka ophelileyo. Lento yaqhuba iminyaka emininzi.
4. Imirolo yobuhlwempu
Elona bakala luncinane lomrolo liyi R445-91 kusupho. Asiyiqondi ukuba o ku kwanele. Ayibavumeli abasebenzi ukhuthenga izinto ezaneleyo abazifunayo. Imirolo yase Iscor kwigreyidi eziphantsi ziyakuwa zibe ngaphantsi ziyakuwa zibe ngaphantsi kwemrolo yobuhlwempu ngenxa yokunyuka kwamaxabiso.

### INGABA ABAPHATHI BE ISCOR BAYAVISISISA

SITHI HAYI.

NGOBA?

1. Bala ukuvumela u mbutho wabasebenzi ukuthethelela abantu kwezemali kunyuka ophelileyo - bathi sinamalunga ambalwa. Kwaye kukho imibutho enabasebenzi abambalwa eyathi yona yavunyelwa ukuthethelela abangamalungu.
2. Sabanyanzela ukuba sithethsane ekuyeni kokuphela konyaka ophelileyo. Bavuma ngokuba babesazi ukuba bayabandlulula kuthi.
3. Balibazisa kwade kwabetha u Febuwari ka 1987. Baye bathi emva koko ekudibaneni nathi bathi abanamali abangasipha yona. Yaye njengoko babe-ngafuni ukuthethe nathi babenikela ngemali eninzi ye meriti. Le mali yemiriti ibibanika amandla okuba bohlule abasebenzi phakathi. Imeriti ezi ke azifunyana ngabakwigreyidi eziphantsi.
4. Bathi kubaququzelelibombutho wethu mabalinde kude kubethe uJuly ka 1987. Ngo July beza bephethe imali engenakugugqulwa beyinika abantu iyi 33c bema apho. Bathi ama 33c okanye indoda iyeke.

ABAPHATHI BATHE NOKUBA SINGEMA INYANGA YONKE ABAZIMISELANGA KUNYIKIMA NANGE 1c . SIYAZI BAYOYIKA UKUSINIKA OLONGEZELELO . BOYIKA IMIBUTHO ETHE YATHENGISA NGAMALUNGU AYO NGOKUVUMA ULONGEZO MALI OLUNCINANE. ASILINDELANGA UKOYISA NGOSUKU, KODWA SIZIMISELE UKUZABALAZA YAYE SIYAKUZABALAZA KOKO SIKUFUNAYO.